Overstrand Personeelblad/Staff Newsletter

# Phambili!

## Vorentoe/Forward

Munisipaliteit • U-Masipala • Municipality
OVERSTRAND

Indaba 4/2009 April 2009

## INQAKU LOMHLELI

### Iimbalelwano zethu aziniki lwazi ngezinto eziqhubekayo kuphela zenza nangaphezulu

*Siyathemba ukuba xa kungoku imbalelwano yethu ayizibonakalisanga jengovimaba wolwazi kuphela koko yenza nangaphezulu. Kubonakala ngathi seyide yafana nolwimishe okuxelela ngezinto ezingeba zikuphosile, umz. indlela abaqhuba ngayo abantwana bethu. Ikwa lixhegwazana elidala elikunika amacebo kunye nesisele senyathi esabelana nathi ngamava athile nemibongo. Enyanisweni imbalelwano yethu seyide yanobomi eziphilela bona, wena uyinika umoya ukuba iphefumle ihlale isempilweni. Nceda sukudinwa kukuthumela izigxeko/izincomo, izimvo, iifoto namabali.*


*Inyanga kaEpreli yinyanga ebalulekileyo kumaKristu njengokuba iPasika iziintsuku ezingcwele kumaKrestu ngokwekhalenda yonyaka. Sikhumbula umhla wokuvuka kukaYesu Krestu emva kweentsuku ezintathu efe ngokubethelelwa emnqamlezweni ukuze ngolo hlobo abe lidini elafela izono zethu.*

*Sibhiyozela esi sehlo sibalulekileyo ezimbalini ngeendlela ezininzi, ngokuxhomekeka kwinkcubeko yethu. Abanye bethu basebenzisa le mpelaveki inde ukutyelela izizalwane okanye ukwamkela iindwendwe. Abanye baza kuya ezicaweni ngempelaveki yepasika ukuze bangqine ibali likaYesu, esinokuthi nathi sibe namava ngalo ngokuya ePassion Play eOld Harbour.*

*Coming back to colleagues, we are always reminded that we spend a lot of time if not the most at our work place. Past few months we have seen different people coming with different activities trying to get us together and do team building. We all know that at times problems will arise in the work place. As professionals in our respective departments, we are expected to resolve them quickly and effectively. Do not allow a problem to continue if you can do something about it. It will work negatively on you and your colleagues.*

*Team building and leadership goes hand in hand. Take care of work with your team and build their skills and self-esteem. An attitude to get on well with all colleagues, managers and clients is one well worth to pursue and develop.*

*Till next time!!!*
*Cheers*



*Noluthando Zweni*
*EDITOR*



**UMTHANDAZO WOMAMA KAZWELONKE:** *Usuku oluhle olunelanga lomhla we 13 Matshi, lwadibanisa ngokugqibeleleyo kukomelezwa okwafunyanwa ngogxa bam kumthandazo womama kazwelonke. Iindibano zalungiselelwe kuyo yonke iminyango yolawulo iququzelelwa yikomiti ejongene nobuni. Phakathi kwabangashumi esithoba kubathathi nxaxheba kulo msitho e-Hermanus yayingu Marilize Dreyer, Lisl Carolissen, Ymile Kennedy, motivational speaker, Lesbury Smith, Carol Gardiner and Charlene Rudolph.*

## U-ANDRÉ ULAPHA UKUZE ABONISE INDLELA YOKUSEBENZISA U-TASK

Iyunithi kaTASK yasekwa liQela labongameli kwiiNkonzo zaBaphathi ukuze uTASK abenokusetyenziswa kuMasipala waseOverstrand, okanye kube kusetyenziswa iinkqubo nemigaqo efana nekaTASK xa zingekabikho Izigqibo zeBhunga loThetha-thethwano ngokuphathelele kulo mba.

Ukuze uTASK ahlale engumbutho ozimeleyo iYunithi kaTASK ayizi kufakwa phantsi kweSebe: Izibonelelo zoLuntu kwaye uza kwamkela imiyalelo ephuma nqo kuMlawuli:Iinkonzo zaBaphathi.



*André van Rooyen*

Umnu Andre van Rooyen wonyulwa njengoMphathi weProjekti: Inkqubo kaTASK ngumsebenzi oyikontrakti ukususela ngomhla woku-1 Matshi 2009. NjengoMphathi kwiMisebenzi eHlolelwa Izakhono noLwazi kummandla weOverberg/Eden/neKaroo eseMbindini iminyaka emihlanu umsebenzi wakhe yayikukuhlola indlela ekusetyenzwa ngayo koomasipala abali-17 encedisa neSALGBC kuzwelonke apho ebephicotha iincwadi zezimali, abonelele ngoqeqesho aphinde enze uhlolo lwezithuba ezikhoyo ngokukhangela iziphumo kuhlolo lwezithuba ezazikho ngaphambili. Ithisisi yakhe yeMBA yayiphathelele kwi "Indlela yokuSebenzisa uTASK kwiNkqubo yokuHlola uMsebenzi waBaqeshwa kwiZakhono noLwazi olufunekayo kummandla we Overberg/Eden/neKaroo eseMbindini".

NjengoMphathi weProjekthi: Inkqubo kaTASK uza kuncedisa abaphathi abaziintloko ekwenzeni umqulu wenkcazelo ngezithuba ngokwesicwangciso sikaTASK neeprofayile zemisebenzi, abenolawulo kwindlela esetyenziswa ngayo Inkqubo yokuHlola iZakhono noLwazi olufunekayo emsebenzini, acebise uMphathi kaMasipala noMlawuli oPhezulu: Iinkonzo zaBaphathi ngokwenza imisebenzi osondeleleneyo ukuze isitafu sisetyenziswe ngendlela efanelekileyo, kuqhutywe iiseshoni zokubonisa isitafu indlela yokusebenzisa iNkqubo yokuHlola iZakhono noLwazi olufunekayo eMsebenzini, zincedise ekuyileni iiYunithi zokwenza uHlolo neSigqeba sokwenza uHlolo eMsebenzini xa kukho imfuneko, ziqeqeshe isitafu ekuHloleni iZakhono noLwazi olufunekayo eMsebenzini xa kukho imfuneko, zihlole okanye zinike iziphumo zovavanyo lwezithuba ezitsha ngokuthathela kwiziphumo zohlolo olwalwenziwe kwizithuba zangaphambili, baqulunqe uMgaqo wokuHlola iziThuba ukuze ubekho ngomhla wofuneka kwawo ngokwenziwa kukungabikho kweZivumelwano zeBhunga lezothetha-thethwano kwiPhondo/kuZwelonke kulo mba; zenze nayiphi na imisebenzi esondeleyo xa kukho imfuneko ngelo xesha.



## Liqhwatyelwa izandla iqela labacimi-mlilo

Usodolophu weSigqeba uTheo Beyleveldt wavakalisa uthaka-zelelo lwakhe kwiQela laBacimi-mlilo bakaMasipala waseOver-strand ekwaye kwafuneka liveze ubuqhawe balo xa lalijongene nemililo eliqela eyathi yangumceli mngeni kwixeshana elidlu-lileyo. Kusuku oluphambi kwentlanganiso yeBhunga kwinyanga kaFebhruwari kwababkho iindidi ezintathu zemililo. Owokuqala wawuseZwelihle apho ama-60 ezakhiwo zaye zatshatyalaliswa ngumlilo. Umlilo wesibini wawukwintlambo yaseHemel and Aarde apho isidiliya nezindlu zabasemngciphekweni, omnye wabaseGansbaai. Zonke iingxelo ziwuqhwabela izandla umsebenzi weQela labaCimi-mlilo.

# USUKU LOMTHANDAZO WOOMAMA WAHLANGANISELA ABANTU ABANINZI NDAWONYE

Usuku lomthandazo woomama ehlabathini oluhlonitshwa ngamakhulu khulu abantu njengosuku lomthandazo emhlabeni jikelele lwabhiyozelwa nangabaqeshwa bakaMasipala waseOverstrand. Kubalulekile ukuba impixano ngokwenkcubeko nokungavisisani ngaphakathi kumasipala kufunyanelwe isisombululo ukuze ubulumko basemvelini, ubuhle nobukrelekrele obufumaneka kwizithethe zezizwe neentlanga zifumane ukubukwa ngakumbi. Olu lusuku olucingwe yikomiti yemicimbi yesini ethe nayo yabona kukuhle ukuba abantu bathandaze ngokuhlanganisela ndawonye. Lusuku oluza kuba sisiseko sokunika imfundiso nokuvuselela iintsapho kumakhaya ngamakhaya.

Unksz Ymile Kennedy, umvuselelithemba ngokwaselukholweni wenza intetho yeqonga odithoriyam wabhekisa kubaqeshwa abaqikelelwa kuma-90 ethetha ngokwenzela omnye umntu ububele nothando, singathethi ngokubulala, kodwa sithethe ngokudla ubomi, ukuzenza idini nokwenzelana ububele, singamfamekiswa kukwahlukana ngokwezenkolo, ezenkcubeko, amasiko nezithethe ngokobuhlanga xa sukuba omnye ecinga ngomnye.

Wonke umntu owayezimasile akuba engenile wabhala phantsi iimfuno anqwenela ukuba angancediswa kuzo ngemithandazo kwiphetshana elincinci. Eli phetshana ulifaka kwisikhongozelo esiza kuthi sijikeleziswe phakathi kwabantu abazimasileyo ukuze umntu athabathe iphetshana lomnye athandazele iimfuno ezikulo ngomthandazo omfu-tshane osezantsi.

Olu suku lwaluququzelelwe ngamalungu ekomiti yemicimbi yesini. Abahlali baseGansbaai naseKleinmond nabo babe luzimasile olu suku.



*Ulize Verrij enika isithethi sosuku, u-Ymile Kennedy intyatyambo ukubonisa umbulelo owenziwa yikomiti yejenda, ethe yathatha inxaxheba ekwenzeni onke amalungiselelo.*

# ISIBONELELO SETHUTYANA SIVUSE UMNYELE

Undabamlonyeni ngoMhla woKwamkela ibe sisibonelelo sethutyana esize noMasipala wase-Overstrand ngexa kulindelwe iziphumo zikaTASK phantsi komthetho kaMasipala kunye negophe lemivuzo kwigrafu ngokwezivumelwano ekunokufikelelwa kuzo kwiBhunga leeNgxoxo zothetha-thethwano kurhulumente weNqila eMzantsi Afrika (South African Local Government Bargaining Council - SALGBC).

Ukususela ekuqaleni kukaMatshi 2009 esi sibonelelo siza kusekwa kumahluko okhoyo phakathi kwendawo elikuyo igophe lemivuzo kumasipala kunye neziphumo zikaTASK ezingekho phantsi komthetho kaMasipala kunye namagophe aziziphakamiso zomququzeleli weSALGBC egameni loo masipala abakudidi lwe-4 (umhla owathi wamiselwa ngowe-19 Novemba 2008).

Abaqeshwa ababandakanyekayo banikwa isibonelelo-mali esibuyiswa phambi kokufika kwexesha lomhlalaphantsi ngokwezicelo sabo, oko kusenziwa ngokwezi zintlu zilandelayo:

- abaqeshwa babekwa kwiinotshi zemali eyingeniso kwisikali esitsha semali eyingeniso ngokodidi lweTASK eyiyona notshi iphezulu yemali eyingeniso kwiinotshi zabo ezikhoyo zemali eyingeniso;
- abaqeshwa abaneenotshi ezingaphantsi kowona mlinganiselo mncinci kwisikali sodidi lweTASK babekwa kumlinganiselo omncinane kwisikali sodidi olutsha lweTASK; kwaye
- abaqeshwa abanemali eyingeniso engaphezulu kodidi olutsha lweTASK ngokomlinganiselo ophezulu esikalini baza kuyekwa bahlale kwezi notshi bakuzo kakade.

Njengoko isisibonelelo esinikwa umntu osifunayo ngokwezindululo zeBhunga, abaqeshwa kufuneka bazise i-ofisi yemivuzo phambi/ngomhla wama-20 kuEpreli 2009 ukuba bayasifuna na okanye abasifuni.

Isibonelelo-mali esibuyiswa phambi komhlalaphantsi kukukhulula izinto zibe ziqhubeka de kufikelelwe kwisigqibo malunga nokuba libe ndawoni igophe lemivuzo kwigrafu apho umqeshi kunye nomqeshwa baya kuthi bafumane ithuba lokuphengulula iziphumo xa iziphumo zikaTASK phantsi komthetho kaMasipala kunye negophe lemivuzo ziye zapapashwa.

Inkqubo yokuhlolwa kwendlela asebenza ngayo umqeshwa ngokuphathelele kwiZakhono noLwazi ngendlela ethe Nqo yasun-gulwa ngo-2003 emva kokuba uSALGA, uSAMWU no-IMATU bathi bafikelela kwisivumelwano malunga nendlela egcinakalayo ekufuneka isetyenziswe ngayo iNkqubo ka-TASK.

Ngokwezigqibo ekwafikelelwa kuzo iiKomiti eziPhambili zokuVavanya indlela yokusebenza komqeshwa (Principal Job Evalu-ation Committees - PJEC) ezenziwa nguMqashi kunye namalungu angabammeli kuMbutho zayilwa ukuze zisebenze kwiingingqi ezalathelwe zona ukuze zifake inkqubo yokuhlola indlela asebenza ngayo umqeshwa phantsi koTASK. Oku kuquka ukuqeqeshwa koMqashi/uMqeshwa kwindlela yokuhlanganisa izinto ezenziwayo kwisithuba somsebenzi eso, nendlela ezenziwa ngayo ngokwenkqubo ka-TASK.

Emva kokuba izithuba zikaMasipala wase-Overstrand zathi zahlolwa ziiKomiti eziPhambili zokuVavanya indlela yokusebenza komqeshwa (PJEC), ngo-2008 uSALGBC waye wakhupha iNgxelo yokuGqibela ngeSiphumo esifunyenweyo (Final Outcome Report - FOR). Le Ngxelo yeBhunga yasinika igama esi sithuba sitsha negreyidi engu-T ngesithuba ngasinye. Ngokwezigqibo zikaTASK esona sithuba sisezantsi siza kuba kwigreyidi engu-T1 ukuze esona siphezulu sibe kwigreyidi engu-T26. Kwezinye iimeko izithuba azizange zihlolwe, kwathathelwa kwizithuba ezifana nazo ezazise zihlolwe ziiKomiti eziPhambili zokuVavanya ngo-2008. Ukulinganisela entweni (Benchmarking) kukuhlola indlela ekusetyenzwa ngayo kwisithuba esithile, ngokuthelekisa isiphumo sakhona kunye neziphumo esele zifunyenwe kwezinye izithuba yiPJEC okanye ngokuthekekisa indlela ekusetyenzwa ngayo kwesi sithuba kunye nemizekelo yezithuba zeSALGBC.

Ngokwezigqibo i-FOR kunye negophe elibonisa imivuzo kwigrafu kufuneka zipapashwe ngumasipala. Kodwa ke, ngenxa yesizathu sokuba igophe elitsha elibonisa imivuzo kwigrafu lingekenziwa azange ibeko indlela yokuba iigreyidi zika-T ezintsha zingapapashwa. Kufuneka ithathelwe ingqalelo into yokuba igophe lemivuzo nokunyuka kwemali eyingeniso ziza kuba yinxalenye yeengxoxo zothetha-thethwano lwemivuzo nemali eyingeniso ngo-2009 kumgangatho olungele i-SALGBC.

Emva kokuba yonke into iye yaqukunjelwa (igophe lemivuzo kunye nogreyidi-T) wonke umqeshwa uya kunikwa ileta emnika igama lesithuba sakhe esitsha, ugreyidi -T, umvuzo owenziwe ngokutsha kwaye kuza landelwa inkqubo yokuphengulula isiphumo esifunekileyo.

# ISICWANGCISO SOKUFUMANA IZAKHONO EZINQABILEYO

IBhunga laye lamkela uMgaqo ngeZakhono eziNqabileyo kwintlanganiso elalinayo ngoFebhruwari laphumeza isigqibo sokuba usetyenziswe ukuqala ngomhla woku-1 Matshi 2009.

Ngokwenye yeengxelo ezikhutshiweyo uMasipala waseOverstrand ebehleli ejongene nengxaki ekugayeni ngokwaneleyo amagcisa asebenza ngeengcingo zombane, amagcisa aphezulu kwezobunjineli, abacwangcisi-mali kunye namagosa aqeqeshelwe ukujonga impilo nokhuseleko loluntu. Amaxabiso aphezulu ezindlu kwiindawo ezigudle unxweme ayenze nzima ngakumbi le ngxaki.

Oku kuzicacele nakwiziphumo zokuqala esezikhutshiwe ngenkqubo yokuhlolwa kwezakhono nolwazi olufunekayo emsebenzini, uTASK, ukuba ukusetyenziswa kwale nkqubo akuzi kuphucula ukunqongophala kwezithuba ezithile kunye namaqela kumacandelo aqeqeshelwayo.

Le nkqubo inesibonelelo-mali esifakwa emvuzweni ngenxa yokunqaba kwezakhono zomsebenzi owenziwayo. Le ntlawulo akufunekanga igqithe umvuzo womqeshwa ngamashumi amathathu epersenti ngonyaka kunye nemivuzo ephezulu ngentlawulo kwimigangatho ethile. Phantsi kwengcinga yokuba esi sibonelelo-mali siza konela amagosa angama-30, xa kubalwa kuqikeleleka ukuba iindleko ziya kuba nganeno kwesigidi esi-R1 (R1 million).

Ngokutsho koMlawuli: Icandelo lezezimali, uMnu Henk Kleinloog, imali ethe yalondolozwa kwinkcitho yestafu yenze ingxowa-mali eyaneleyo ukuba ukuhlawulwa kwesi sibonelelo-mali kungaqala kwangoko, kodwa kuza kufuneka ukuba lo mba wenzelwe amalungiselelo afanelekileyo kuhlahlo-lwabiwo-mali olutsha.

# ITHEMBA LEGQWETHA NGENTLALO EKHUSELEKILEYO E-HERMANUS LIVUSELELWE LIGOSA LIKAMASIPALA

Ileta esuka egqwetheni ayisoloko isiza neendaba ezimnandi. Ekuqaleni koFebhruwari uSodolophu wafumana ileta esuka kuJan Wessels phezulu ephepheni ibhalwe uCouzyn, uHertzog noHorak abangamagqwetha apho kunconywa uHeathley Plaatjies ongumqeshwa kwiCandelo leePaki kuMasipala.

UMnu Wessels ubhala athi:

*'Kwiminyaka engaphambili mna nosapho lwam besidla ngokusebenzisa indlu engunombolo 407 Main Road njengendawo yokuchithela ikhefu. Sichithele khona ikhefu iminyaka emininzi kungekho nto isiphazamisayo.*

*'Uya kuyiqonda indlela endacaphuka ngayo xa saye sangenelwa lisela eliqhekeza izindlu, lathabatha isipaji sam esasisekungeneni kweholo lazenzela kuso lisithaphulula. Yandisokolisa into yokungabinalo ikhadi lemali yebhanki, imali yasempokothweni njl., okwethutyana, kodwa ukulahlekelwa yilayisenisi yam yokuqhuba, amafoto abantwana bam besebancinane endingenakuze ndiphinde ndiwahlambise ndifumane amanye kunye nezinye izinto ezibalulekileyo esipajini sam yayindicaphukisa kunene.*

*'Ngexesha sihlala eRhawutini sasibuqhelile ubundlobongela nolwaphulomthetho, kodwa ingcinga yokuba iHermanus yayilizulu elingangwenwa sono yaphela kakubi koku kungenelwa ngumqhekezi wesela ngendlela engenambeko.*

*'Ngoko ndonwaba emphefumlweni ndakuva ukuba izinto ezazisesipajini sam eziquka ilayisenisi yokuqhuba, iifoto zabantwana bam kunye nekhadi lemedical aid zicholwe nguMnu HS Plaatjies oligosa kwiCandelo leePaki kuMasipala wenu.*

*'Isihlobo sam esinguPlaatjies sandikhupha kweyona nkathazo nentlupheko ebe ndiya kuba kuyo xa kufuneka ndifumene enye ilayisenisi yokuqhuba namanye amakhadi.*

*'Iyakhuthaza into yokuba kusekho abemi abantembeko yabo ibenza babe ngabemi abahloniphekileyo esizweni sethu, nabathe ngenxa yobukho babo kwatsho kwavuseleleka ithemba ngentlalo ekhuselekileyo eHermanus.'*




***Heathley Plaatjies***

Umnu Wessels uyigqibezela ileta yakhe ngesicelo sokuba uMnu HS Plaatjies achazelwe ngombulelo anawo ngesenzo sakhe sobulungisa.

# UVUYO NO SIZI

## MSINYA KUNOKUBA BEKUCINGWA





*NgoLwesithathu umhla we-11 Matshi uLoretta Swartz wenzelwa iparty yokumqokelisa iimpahla zosana liCandelo lokuCwangcisa isiXeko eOdithoriyam engacingelanga. Asazi nokuba wayebalelwe kakuhle na okanye zizicwangciso ezenziwe buphuthuphuthu kodwa ngemva kwemini yosuku olulandelayo uLoretta wanikwa ixesha ukuba aye kuphumla ekhaya. Kwiveki elandelayo wabeleka usana olubizwa ngokuba nguKieran. Umama nomntwana baphilile kwaye simnqwenelela okuhle kwindima eyongezelekileyo yokuba nguMama!*



## Kwizikolo Zasentshona Koloni ngoku…

U-Layla Arrison ukhethiwe ukuze amele iZikolo zaseNtshona Koloni kuGqatso lweembaleki zamantombazana angaphantsi kweminyaka eli-12 (U/12), kwiSouth African Schools Athletics National Primary Schools Track and Field Championships oluza kubanjelwa ePolokwane, kwiPhondo laseLimpopo ngomhla wama-30 kunye nowama-31 Matshi 2009. Njengabahlali baseOverstrand simnqwenelela impumelelo kwizinto azenzayo kuba loo nto isenza sizingce ngaye.

## UTATA KA THEO OLIVIER

Kuluvelwano ukunazisa ngokusishiya kuka tata ka Theo Olivier obehlala e-Eastern Cape. Usweleke ngoMgqibelo umhla we 21 Matshi 2009 emva kokukhathazwa yimpilo.

Uyakungcatywa ngomhla we 4 April 2009 e-Eastern Cape. Masimbeke emithandazweni kunye nomdeni wakhe kwelixhesha lobunzima.

## MASINCEDANENI!

Xa indawo ikuvumela, i-Phambili iyakwazisa intlelo ezimfutshane. Ze isebenze ngokuthi kuqale kuncedwe lowo ufike kuqala. Abo bayakuthi bafike indawo sele igcwalisiwe bayakulinda de kube lixhesha elizayo.

Nxibelelana noNoluthando Zweni ku – 8911 okanye nge-imeyile wenze amalungiselelo.

**IGUSHA YASE KAROO**

I-NG Kerk inebhazara apha e-Hermanus ngentseni yangoMgqibelo umhla we 18 Epreli. Inyama efreshi kweyobe ithengiswa (icala ne pheleleyo) evela e-Calvinia. Ixabiso yo yiR45 ikg yayo. Xha uyithengile inyama iyakusikelelwa ze ipakishwe ngohlobo oyakuthanda ipakishwe ngayo. Amaphepha oku oda ayafumaneka kwi ofisi zecawe kude kube ngumhla we 8 Epreli.

**AMAXABISO EEKHEMIKHALI ZOKUCOCA**

Isebe lithengisa iikhemikhali zokucoca:

- iBlack Disinfectant-(Umadubhula) – ngama-R52.00
- iDishwashing Liquid – ngama-R32.00
- iBleach – ngama-R32.00
- iPine Disinfectant – ngama-R32.00
- iBubble Bath – ngama-R35.00
- iStasoft – ngama-R32.00
- iAmmonia Cleaner – ngama-R32.00

**IIBISCUITS**

U-Esmeralda (Amaxabiso eSebe) uthengisa iibiscuits ngawona maxabiso afikelelekayo (iGinger, ishortbread, icoconut, ilemon, icrunchy, imix packs)

- ama-250g yi-R9
- ama-500g yi-R16
- i-1Kg yi-R30

Ii-odolo zokuqala zihlawulwa ngekheshi. Faka ii-odolo ngokumtsalela umnxeba kule nombolo 8041 okanye 0823891879.

# UMOYA UBUMHLE KWISHAVATHON




Gerrit Coetzee



Theo Olivier



Gert Wepener



Roderick Williams



Duppie du Plessis



Hayley Solomons & Sylvia Block



Rina van Antwerp



Jaco Stemmet

NgoLwesibini umhla we-17 Matshi 2009 uMasipala waseOverstrand wabamba usuku lokuchetywa kweenwele ukuxhasa izigulane ezinomhlaza egameni loMbutho woMhlaza eMzantsi Afrika (CANSA) ngempumelelo.

Kwakusasa abantu bafika bechwayitile ukuza kubhalisa ukuze bahlale phantsi balindele ukuchetywa okanye banike iinwele zabo omnye umbala ngesixhobo sokutshiza ipeyinti ukubonakalisa inkxaso kwizigulane ezinomhlaza ezikholisa ukumkelwa ziinwele zazo ngexesha lonyango.

Inkoliso yabathabathi-nkxaxheba abali-142 yayingamagosa kamasipala kodwa bambalwa abaye bakhalipha ngokwaneleyo ukuvumela ukuba iinwele zabo zichetywe. Inani elithile lamavolontiya avela kwiindawo zokucheba eHermanus lancedisa ukwenza umasipala ukuba abe-yindawo etsala umdla. Kwaqokelelwa imali engama-R2 796.40 .

UMbutho woMhlaza eMzantsi Afrika (The Cancer Association of South Africa - CANSA) wenza umbulelo omkhulu kuMasipala waseOverstrand ngokwenza iShavathon ibe yimpumelelo. USista Marie du Plessis noElize Verrij abathi bancedisa ekwenzeni amalungiselelo babulelwa ngendlela ekhethekileyo. UMeraai wethu naye siyambulela ngokuthabatha inxaxheba ukubonisa inkxaso. uCANSA uyazingca ngenkathalo anayo uMasipala waseOverstrand ngoluntu.

Enye yezinto ezathi zenzeka ngolu lusuku kukuhlonipha uNksk Marianne Beyleveldt ngesipho seDVD engeCANSA Relay for Life eye yenziwa kutsha nje eHermanus. Abantu abanomdla bangaqhagamshelana ne-ofisi kaCANSA eOnrus ngale nombolo yomnxeba 028 316 3678.



**IIMBASA ZENKONZO ENDE EMSEBENZINI:** *Kwintlanganiso yeBhunga ebe isekupheleni koFebhruwari amagosa amathathu awongwe ngeembasa ngenkonzo yawo engaphezulu kwamashumi amabini eminyaka kuMasipala waseOverstrand okanye kongaphambili kuye. uSodolophu weSigqeba uTheo Beyleveldt wavuyisana nabo ngale mpumelelo wabulela neentsapho zabo ngenkxaso yazo eyenze bakwazi ukuqhubeka ngokunika inkonzo entle ixesha elide kangako. Emva koko wanikezela ngezitifiketi kuMission Cetywayo noLilly Swartz, bobabini basuka eHermanus, kunye noJohannes Bosman osuka eKleinmond. UMnu Werner Zybrands wavuyisana nabawongwe ngeembasa egameni lee-Ofisi zoLawulo.*

## Ingqesho 2009

**MATSHI 2009**

| | |
|---|---|
| L Botma | Umcwangcisi zimali: ikheshi nolawulo lwangaphakathi |
| BD Galant | Umcwangcisi zimali: uqingqo mali yokusebenza |
| I Jones | Unobhala udidi 1: ulawulo lwezwakha |

**EPRELI 2009**

| | |
|---|---|
| JE Kriel | Umcedisi: kwinkonzo zengcali zombane |
| CJ Temmers | Umcedisi: kwinkonzo zengcali zombane |
| JA Victor | Umcedisi: kwinkonzo zengcali zombane |
| KA Abrahams | Umfundi: kuplano lwedolophu (ixeshana) |
| T Marx | Ingcali yokuqala: Inkonzo zokusebenza |
| SG Reyneke | Umphathi: Iindleko nezinto zikamasipala |

## Abanyuselweyo 2009

**MATSHI 2009**

| | |
|---|---|
| DJ Lakey | Umphathi: Ingcebisi ngezomthetho |
| H van Tonder | Umphathi: kwinkonzo zokuncedisa ibhunga ledolophu |
| L Kaptein | Umntu osebenza into ethile udidi II |
| F Erasmus | Umncedisi e-ofisini omkhulu |

**EPRELI 2009**

| | |
|---|---|
| H Stemmet | Umntu osebenza into ethile udidi II: |

# ABAZALWA KWINYAGA KA MATSHI

| IGAMA | UMHLA | ICANDELO | IDOLOPHU |
|---|---|---|---|
| Pretorius, L | 1 April | Operational Management | HERMANUS |
| Kondokter, Ben | 1 April | Operational Management | GANSBAAI |
| Mlityalwa, Xolile | 1 April | Operational Management | GANSBAAI |
| Tanana, Zingisile | 2 April | Operational Management | HERMANUS |
| Harding, Chris | 4 April | Operational Management | KLEINMOND |
| Du Toit, Phillipus | 4 April | Operational Management | HERMANUS |
| Swartz, Ashley | 4 April | Finance | HERMANUS |
| Bongoza, Zola | 4 April | Finance | KLEINMOND |
| De Jager, Venda | 4 April | Area Management | KLEINMOND |
| Lakey, Karel | 5 April | Operational Management | HERMANUS |
| Visser, IB | 6 April | Corporate Projects | HERMANUS |
| Lourens, Comien | 6 April | Sup Chain Mngmnt | HERMANUS |
| Grobler, Jacob | 6 April | Operational Management | GANSBAAI |
| Sherriff, James | 6 April | Operational Management | GANSBAAI |
| Rasi, Malibongwe | 6 April | Operational Management | KLEINMOND |
| Wepener, Gert | 7 April | Sup Chain Mngmnt | HERMANUS |
| Mnqodolo, Simon | 7 April | Operational Management | KLEINMOND |
| Ambros, Micheal | 8 April | Operational Management | HERMANUS |
| Andries, HJ | 8 April | Operational Management | HERMANUS |
| Loubser, Theo | 9 April | Acc & Budget Services | HERMANUS |
| Menzi, Ayanda | 10 April | Operational Management | HERMANUS |
| Lategan, Cindy | 10 April | Protection Services | HERMANUS |
| Frans, FW | 10 April | Management Services | HERMANUS |
| Maholwana, Zuko | 10 April | Operational Management | GANSBAAI |
| November, David | 11 April | Operational Management | HERMANUS |
| Abrahams, JH | 11 April | Building Control | GANSBAAI |
| Maliwa, Vuyo | 12 April | Operational Management | HERMANUS |
| Arendse, Theresa | 12 April | Area Management | KLEINMOND |
| Minaar, Leandra (Nee vd Merwe) | 12 April | Finance | HERMANUS |
| Swartz, CC | 12 April | Area Management | KLEINMOND |
| Arends, J | 12 April | Operational Management | GANSBAAI |
| Kotsana, Khayalethu | 12 April | Operational Management | GANSBAAI |
| Kolisi, Sandile | 12 April | Operational Management | KLEINMOND |
| Vallentyn, Denver | 13 April | Operational Management | HERMANUS |
| Bula, Phazamile | 13 April | Operational Management | HERMANUS |
| Gardiner, Carol | 13 April | Protection Service | HERMANUS |
| Faro, Johan | 14 April | Operational Management | HERMANUS |
| Mangali, Alfred | 14 April | Electrical Services | HERMANUS |
| Mnyanzeli, Sibongile | 14 April | Operational Management | HERMANUS |
| Pono, Phuthumani | 14 April | Area Management | HERMANUS |

| IGAMA | UMHLA | ICANDELO | IDOLOPHU |
|---|---|---|---|
| Ngwenya, SA | 14 April | Operational Management | GANSBAAI |
| Holl, Maatje | 15 April | Finance | KLEINMOND |
| Jim, SA | 15 April | Operational Management | GANSBAAI |
| Geldenhuys, Regardt | 15 April | Protection Services | GANSBAAI |
| Mahashe, SS | 15 April | Operational Management | KLEINMOND |
| Cornelius, BM | 16 April | Operational Management | HERMANUS |
| Oliphant, Melvin | 16 April | Electrical Services | GANSBAAI |
| Neuhoff, R | 17 April | Protection Services | HERMANUS |
| Van Lill, J | 18 April | Operational Management | GANSBAAI |
| Heyns, Dirk | 18 April | Protection Services | GANSBAAI |
| Vaaltyn, Elton | 19 April | Operational Management | HERMANUS |
| Dippenaar, AE | 19 April | Protection Service | HERMANUS |
| Byleveld, Lynette | 19 April | Corporate Projects | HERMANUS |
| Van Niekerk, Gavin | 19 April | Operational Management | KLEINMOND |
| Isaacs, Lorenzo | 20 April | Protection Service | HERMANUS |
| Mouries, Abraham | 20 April | Operational Management | GANSBAAI |
| Kwayimani, Zola | 20 April | Operational Management | GANSBAAI |
| Mouries, Nicolaas | 20 April | Operational Management | GANSBAAI |
| De Bruin, Dudley | 21 April | Operational Management | KLEINMOND |
| Maphasa, Agnes | 21 April | Area Management | GANSBAAI |
| Solomon, Benjamin | 21 April | Councillor | HERMANUS |
| Wildschut, Claude | 22 April | Operational Management | HERMANUS |
| Makumsha, Wiseman | 22 April | Operational Management | GANSBAAI |
| Pauw, Fred | 23 April | Protection Services | GANSBAAI |
| Diergaardt, John | 24 April | Operational Management | HERMANUS |
| Gudu, Hendry | 24 April | Operational Management | KLEINMOND |
| Albertyn, AM | 24 April | Area Management | GANSBAAI |
| October, C (Nee Philander) | 25 April | Area Management | HERMANUS |
| Stemmet, Jaco | 25 April | Information Technology | HERMANUS |
| Stevens, Desmond | 25 April | Operational Management | GANSBAAI |
| Mrubata, P | 26 April | Operational Management | HERMANUS |
| Verrij, Elize | 26 April | Office Of The Mayor | HERMANUS |
| Roux, Daniel | 26 April | Operational Management | GANSBAAI |
| Louw, AJ | 29 April | Operational Management | HERMANUS |
| Pieters, Daniel | 29 April | Operational Management | GANSBAAI |
| Taylor, ME | 29 April | Operational Management | GANSBAAI |
| Plaatjies, Jacobus | 29 April | Operational Management | KLEINMOND |
| Rust, MD | 29 April | Protection Services | KLEINMOND |
| Strydom, Elizabeth | 30 April | Finance | HERMANUS |
| Nel, Johannes | 30 April | Building | KLEINMOND |